



Isalathiso: 20210802-4783  
Inombolo yefayili: 13/11/2  
Imibuzo: SL Willoughby

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo IweeMviwo: 0010/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziNtloko, kuBalawuli (kwaNdunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundu eziziNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundu eziziNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundu alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neze-*Adult Education and Training Level 4*

**Isihloko:** **Uqequesho olunyanzelekileyo lwazo zonke iinqununu, abagadi babaviwa abaziintloko, abagadi babaviwa abaneqhuzu kunye namagosa ezithili abathatha inxaxheba ekuqhutyweni, ekulawulweni nasekuphathweni kweemviwo zeNSC, zeSC neze-AET Level 4 ngo-2021/22**

1. IMimiselo Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination, eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No 37651 yowe-16 Meyi 2014, ifuna ukuba amasebe emfundu amaphondo makaqinisekise ukuba bonke abagadi babaviwa bakuqequeshelwe ngokufanelekileyo ukuqhube iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (National Senior Certificate) (NSC)), ezeSatifikethi seMatriki (Senior Certificate) (SC)) nezeMfundu noQeqesho IwaBadala (Adult Education and Training) (AET)) Level 4, ngokungqinelana nalo mgaqo-nkqubo usebenzayo ngoku.
2. Nangona uqequesho belunyanzelekile ukususela ngo-2014 ukuya ku-2020, kuqatshelwe yaye kwenziwa neengxelo ngeqela lezenzo zolwaphulo-mthetho Iwezolawulo, ezokuziphatha ngendlela engeyiyo nezokunganyaniseki kwiimviwo zeNSC zango-2020. Oku kuyibonisa ngokucacileyo imfuneko yokuqequeshwu kwabagadi babaviwa neenqununu ukulungiselela iimviwo zeNCS zango-2021, ezeNCS nezeSC zangoMeyi/Juni 2022 neemviwo ze-AET Level 4 zango-2021/22.
3. liseshoni zoqequesho ziya kuqhutywa, kusetyenziswa iindibano zamaqela ii-Microsoft (MS) Teams, ngowe-20, 21 nowe-22 September 2021 kuzo zonke izithili ezsibhozo. **(makujongwe isiHlomelo B esiqhotyoshelwe apha).**

4. Kuya kucwangciswa iseshoni yoqequesho enye kudityenwe ubuqu ye-Smartlock neyoqequesho lwabagadi babaviwa ukulungiselela amaziko eemviwo amatsha/aqalayo nge-13 Oktobha 2021 e-The Settlers High School.
5. Ngokweeprothokholi ze-COVID-19 iintlanganiso zasesidlangalaleni nemicimbi yokudibana kwabantu ziyawandisa kakhulu umngcipheko wokunwenwa kwe-COVID-19 . Ngeso sizathu, uqequesho lwabagadi babaviwa beNSC/SC bango-2021 luya kuqhutywa kusetyenziswa iqonga lonxibelewano ngo-intanethi *ii-MS Teams*. Uqequesho olusebenzisa i-intanethi luya kubanja ngamagosa eCandelo eliyiNtloko loLawulo IweeMviwo noVavanyo (kwaNdunkulu). Uqequesho lubaluleke gqitha ukuqinisekisa ukuba zonke iinqununu/abaphathi bamaziko, abagadi babaviwa abaziintloko nabagadi babaviwa abaneqhuzu, bawo onke amaziko eemviwo, bafumana uqequesho olufanelekileyo. Ngenxa kabhubhane we-COVID-19, **kufuneka** kubandakanywe imigaqo eyongezelewyo ukulungiselela ukuqhutywa nokulawulwa koviwo ukuqinisekisa ukhuseleko olungaphezelu lwabo bonke abaviwa nabathathi-nxaxheba.
6. **Kunyanzelekile** ukuba baye kwiiseshoni zoqequesho zee-MS Teams aba bathunywa balandelayo bachaphazelekayo ezimalunga nokuqhutywa, ukulawulwa nokuphathwa kweemviwo zeNSC, ezeSC neze-AET Level 4 zango-2021/22:
  - iinqununu/abaphathi bamaziko (**abagadi babaviwa abaziintloko**);
  - Amalungu amabini ekomiti yolawulo yesikolo (*school management team*) (*SMT*));
  - Abagadi babaviwa abaneqhuzu;
  - naMagosa ezithili abandakanyeka ekuqhutyweni, ekulawulweni, nasekuphathweni kweemviwo zeNSC, zeSC, neze-AET Level 4 ngo-2021/22.
7. iinqununu/abaphathi bamaziko neeSMT zabo baye kunikwa yonke imathiriyyeli yoqequesho **nekufuneka** isetyenziselwe **ukudlulisela kwabanye** uqequesho nengcaciso abayifumeneyo, kwabelwana ngayo kwiiseshoni zoqequesho ezicwangcisiweyo zephondo ezimiselweyo, nabanye abagadi babaviwa. Oku kuya kuqinisekisa ukuba ingcaciso ekwabelwana ngayo ihlala ikumgangatho ofanayo.
8. Ukuqaliswa kwemigaqo emitsha, ngokungqinelana neeprothokholi ze-COVID-19 ukulungiselela ukulawulwa ngokupheleleyo nokuqhutywa kwenkubo yoviwo iyonke, kubangela ukuba kube sisnyanzelo ukubakho kolu qeqesho kuwo onke amaqela achaphazelekayo.

9. Okuqhotyoshelwe apha **njengesiHlomelo B** yishedyuli ebonisa imihla yoqequesho namaxesha neendawo zoqequesho kwisekethe nakwisithili ngasinye.
10. Kuya kuthakazelelwa kakhulu ukukuqonda kwenu ukubaluleka kolu qeqesho nentsebenziswano yenu ngokunjalo.
11. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO  
UMHLA:** 2021-08-10